*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Eyona nto inomfaneleko*
Illustrated by Lauren Nel
Written by Melissa Fagan
Designed by Stefania Origgi
Translated by Nal'ibali
with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 5 March 2016.

ISBN: 978-1-928442-03-5

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

UMuzi uyakuthanda ukwakha izinto. Uphupha esakha eyona nto inomfaneleko kakhulu.

Ngenye imini wakha ikhu
he zokudlalisa.



Kodwa lalingeyonto
iyeyona inomfaneleko.





Izolo wakhele izilwanyana zakhe ibhlorho.



Yona ibilungile, kodwa ingeyonto iyeyona inomfaneleko.





Namhlanje uMuzi
uza kutyelela
uMakhulu.

Ulusizi. Ngaphandle
kwezinto zakhe
zokudlala, angayakha
njani eyona nto iyeyona
inomfaneleko?

the-best-thing-ever_interior.indd 13 2018/04/13 9:59 AM




Kwisitophu seebhasi, uMuzi uye wamangaliswa. Ubona izinto ezibomvu nezizuba. Izinto ezincinane nezinto ezinkulu. Izinto ezintsha nezinto ezindala.





UMuzi unengcingane entsha yokwakha eyona nto inomfaneleko kakhulu.



Endleleni eya kwaMakhulu, uMuzi ufumana izinto ezininzi. Izinto ezinde nezinto ezimfutshane. Izinto ezingqukuva nezinto ezisisikwere.

the-best-thing-ever_interior.indd 18 2018/04/13 10:00 AM



Ngasemlanjeni, uMuzi ufumana nezinye izinto ezininzi. Izinto ezithambileyo nezinto ezitsolo. Izinto eziluhlaza nezinto ezintsundu.

the-best-thing-ever_interior.indd 21 2018/04/13 10:00 AM

Lo gama uMakhulu esabhakela
abahambi abalambileyo,
uMuzi yena uyakha.



“Jonga, Makhulu, indlu yakho entsha.”

“Owu, Muzi,” uyahleka uMakhulu.

“Le yeyona nto inomfaneleko!”

“Makhulu, Makhulu!” watsho uMuzi.

“Ihlabathi lizele zizinto zokudlalisa.
Jonga into endinokuyakha.”

